## I-PALAMENTE YERIPHABHLIKHI YASEMZANTSI AFRIKA

- IPalamente ineziNdlu ezimbini
  - INdlu yoWiso-Mthetho (NA), inamalungu angama- 400 , kunye ne-
  - Bhunga lamaPhondo leSizwe (NCOP), elinabathunywa abangama -90.

## IBHUNGA LAMAPHONDO LESIZWE

- NgokoMgaqo-Siseko, iBhunga lamaPhondo limele amaphondo kurhulumente kaZwelonke ukuqinisekisa ukuba iimfuno zawo ziyaqwalaselwa.
- Ikwenza oku ngokuthabatha inxaxheba kwiinkqubo zikazwelonke zowiso-mthetho, kunye nokuququzelela iingxoxo zikazwelonke ukuxovula imiba yoluntu ebalulekileyo echaphazela amaphondo
- IBhunga lamaPhondo leSizwe likwaqinisekisa ukuba imicimbi yoorhulumente bamakhaya imelwe kumanqanaba aphezulu karhulumente.

## UBUME BE-NCOP

- I -NCOP inabathunywa bamaphondo abalithoba abachongwe kwiziNdlu zoWiso-mthetho zamaphondo kunye negqiza loMbutho wooRhulumente bamaKhaya baseMzantsi Afrika (SALGA).

- Igqiza ngalinye leaphondo linamalungu alishumi,
  - abathunywa abathandathu abasisigxina
  - abathunywa abane bexeshana

- Igqiza likhokhelwa yiNkulumbuso yePhondo ngalinye, ekwaphuma kwaba bathunywa bane
- INkulumbuso yePhondo isenokuchonga omnye umntu endaweni yayo, xa kukho imfuneko
- Igqiza lombutho i-SALGA lichongwa yikomiti yalo yesigqeba kwiqela labameli kuMbutho wooRhulumente bamaKhaya bamaphondo olithoba

## ABAGCINI-ZIHLALO BE-NCOP

- I -NCOP inyula abalawuli kumalungu

- uSihlalo, kunye
  - nooSekela-sihlalo ababini.

- La magosa alawula umsebenzi we-NCOP aze ongamele iingxoxo, eqinisekisa ukuba abathunywa baxoxa ngokukhululekileyo ngokwemithetho yeNdlu.
- USekela-sihlalo osisigxina unyulwa ithuba leminyaka emihlanu, ngelixa iiNkulumbuso zamaPhondo zibolekisana ngesihlalo sokuba nguSekela-sihlalo wesibini kangangonyaka.

## UMSEBENZI WE-NCOP

- I-NCOP ibonwa njengequmrhu eliya kwenza ukuba kubekho ulawulo lwentsebenziswano kunye nedemokhrasi apho ubani athi athath' inxaxheba, kunye nokugxila kakhulu ekuxoxeni ngemiba yoorhulumente bamakhaya nabamaphondo kwinqanaba likazwelonke.
- I- NCOP ingumlomo wamaphondo olithoba aseMzantsi Afrika ikwanika urhulumente wamakhaya iqonga lokuthabatha inxaxheba kwiingxoxo zowiso mthetho kwinqanaba likazwelonke

## INDIMA YOKWENZIWA KOMTHETHO

- I- NCOP iqwalasela, iphumeza, ilungisa, icebise ngezilungiso, okanye ikhabe imithetho esayilwayo
- Kufuneka iqwalasele yonke iMithetho Esayilwayo kuzwelonke
- Isenokwazisa okanye ilungise iMithetho Esayilwayo ekwiShedyuli 4 yoMgaqo-siseko.
- (imiba apho iziNdlu zowiso-mthetho zikazwelonke nezamaphondo zidibene zibe namagunya okwenza imithetho) neminye imithetho esayilwayo echaphazela amaphondo
- Owona msebenzi wowiso-mthetho wenziwa kwiikomiti, kodwa yonke iMithetho Esayilwayo kufuneka isiwe kwindibano ye-NCOP ukuze ixoxwe ize ivotelwe ukuba iyamkelwa okanye iyakhatywa.
- Inamagunya asemthethweni ngokoMgaqo-siseko wokuhlangabezana neendidi ezintathu zeMithetho Esayilwayo:

## IMITHETHO ESAYILWAYO ENGACHAPHAZELI MAPHONDO

- Imithetho esayilwayo engachaphazeli maphondo yileyo ibhekiselele kwimisebenzi kazwelonke; efana nezokhuselo, imicimbi yezangaphandle kunye nobulungisa
- Yakuba ipasisiwe le Mithetho Isayilwayo yiNdlu yowiso-mthetho, iya kwi-NCOP ukuze ivotelwe.
- Ukuba i-NCOP ifuna ukwenza utshintsho kumthetho osayilwayo, uphindiselwa kwiNdlu yoWiso-mthetho, ukuze ilwamkele okanye ilukhabe utshintsho olo.

## IMITHETHO ESAYILWAYO EWACHAPHAZELA NGQO AMAPHONDO

- Imizekelo yeMithetho Esayilwayo echaphazela amaphondo iquka ezemfundo, ezothutho, ezentlalo-ntle kunye nezempilo.
- Uninzi lwale Mithetho Isayilwayo ingeniswa kwi-NCOP ngenye yeziNdlu, kodwa ikhona eminye imithetho Esayilwayo ekufuneka iqale kwiNdlu yoWiso-mthetho.
- Iphondo ngalinye linevoti enye xa kuvotelwa le Mithetho Isayilwayo.

- Ukuba kukho ukungavisisani phakathi kweNdlu yoWiso-mthetho kunye ne-NCOP malunga noMthetho Osayilwayo ochaphazela amaphondo, kufuneka usiwe kwiKomiti yoXolelwaniso

## IMITHETHO ESAYILWAYO ELUNGISA UMGAQO-SISEKO:

- Xa uMthetho Osayilwayo olungisa okanye otshintsha uMgaqo-siseko uwachaphazela ngqo amaphondo, amaphondo amathandathu kwalithoba kufuneka avumelane ngako oko.
- Ukuba uMthetho Osayilwayo oza kulungisa uMgaqo-siseko awuwachaphazeli ngqo amaphondo, uMgaqo-siseko uyayivumela i-NCOP ukuba iwuxoxe (ngaphandle kokuvota), phambi kokuba uye kuvotelwa kwiNdlu yoWiso-mthetho

## INDIMA YOKONGAMELA

- Ukongamela ngumsebenzi okuMgaqo-siseko oluxanduva lwePalamente (kuquka iziNdlu zoWiso-mthetho zamaphondo) ukulawula nokuqwalasela imisebenzi karhulumente.
- I-NCOP yongamela imiba yamaphondo kuzwelonke kunye norhulumente wamakhaya.
- I-NCOP isenokufuna ilungu lekhabhinethi, igosa kurhulumente kazwelonke okanye urhulumente wephondo ukuba aye kwintlanganiso yeBhunga okanye yekomiti yeBhunga.
- Abathunywa be-NCOP bangabuza abaphathiswa beKhabhinethi imibuzo emayiphendulwe kwi-NCOP.
- I-NCOP okanye naziphi na iikomoti zingafumana *amaxwebhu ezikhalazo,*

National Council of Provinces

*iinkcazo okanye izingeniso* ezisuka nakubani na okanye iqumrhu elifuna oko

- I-NCOP ikwaqhuba utyelelo lokongamela eluntwini ukuqinisekisa ukuba bafuna ulwazi olululo kwiimfuno nemingeni yabo.

## IIKOMITI ZENCOP

- Iikomiti zeNCOP zibizwa ngokuba zii-*Komiti eziKhethekileyo,* umzekelo, ikomiti eKhethekileyo kwiSebe lezeziNdlu, elezeMisebenzi yoLuntu kunye nelezoThutho.

- Ikomiti nganye yenza umsebenzi ojongene ngokukodwa namasebe athile karhulumente. Ikomiti ixoxa ize ilungise iMithetho Esayilwayo, ize iququzelele iindibano zoluntu xa umba lowo ingumba xhalabisayo kuluntu

- Iikomiti zisenokugunyazisa nawuphi na umntu ukuba anike ubungqina okanye aveze amaxwebhu, kwaye basenokufuna nawuphi na umntu okanye naliphi na iqumrhu ukuba linike ingxelo kubo.

- Emva kokuba ikomiti igqibile ukuxoxa ngomthetho osayilwayo, uthi usiwe kwi-NCOP ukuze uvotelwe.

- Abathunywa bephondo ngalinye banevoti enye emele iphondo, ethi isetyenziswe yintloko yabathunywa.

## INDIMA EDLALWA LULUNTU KUMSEBENZI WOKONGAMELA

Uluntu lusenokudlal' indima ebonakalayo kumsebenzi wokongamela ngokuqinisekisa ukuba urhulumente uyaphendula kwiimfuno zoluntu. Ezi zezinye zeendlela ezinokusetyenziswa:

## YENZANI IZINGENISO

- ➢ Isingeniso kwikomiti yePalamente yindlela yokwenza ukuba ilizwi lakho liviwe ePalamente.
- ➢ Ngokufaka esi singeniso usethubeni lokufuthela uluvo lwmalungu ekomiti axoxa nabonisana ngomba othile womthetho ngaphambi kokuba ugqitywe.

## UXWEBHU LWEZIKHALAZO:

- ➢ Ukwenza uxwebhu lwezikhalazo yindlela yokufaka isikhalazo okanye umba odla umzi ePalamente ukuze iyithathele ingqalelo ngokobunganga bayo.
- ➢ Ilungelo lokufaka uxwebhu kwiPlamente lilungelo lawo nawuphi na ummi welizwe elibhalwe kuMgaqo-siseko.
- ➢ Nawuphi na umntu, amaqela abantu okanye umbutho, unelungelo lokufaka uxwebhu lwezikhalazo ePalamente.

## QHAGAMSHELANA NELUNGU LEPALAMENTE

- ➢ Uluntu lungaqhagamshelana namaLungu ePalamente kwii-ofisi zezithili zovoto ezikumaphondo kwilizwe liphela okanye ePalamente xa ufuna ukufumana inkxaso yalo kuloo mba ukutshisayo okanye xa ufuna ukuncediswa kwingxaki ethile onayo.

*This pamphlet is available in all the official languages of South Africa.*

Produced by the Public Education Office • Parliamentary Communication Services • INSPIRED BY PEOPLE
www.parliament.gov.za • P.O. Box 15, Cape Town, 8000 • Telephone: (021) 403 3341 • Facsimile: (021) 403 3303

PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Xhosa




# National Council of Provinces